SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Yingxaki yokunqaba kwamathuba emisebenzi.√ (1)

1.1.2 Kukoyika ubunzima bomsebenzi.√
Kukoyika ukugxekwa.√
Kukoyika ukungafumani nkxaso kwimizamo yalo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.3 Lisixelela ukuba likhulu inani labantu abafuna izithuba zengqesho√√/ukuba baninzi abantu abadinga umsebenzi√√/ ukuba abantu abaninzi abaphangeli.√√ (2)

1.1.4 Abanye babo ...√√ (2)

1.1.5 Kungokuba wafumana inkxaso kumbutho ojongene namafama kweli loMzantsi Afrika√√/kungokuba wafumana iingcebiso kumbutho ojongene namafama malunga nesivuno esifuneka ngamandla kwiimakethi, oko kwenza ukuba athengisele iivenkile ezinkulu.√√ (2)

1.1.6 Kukuvula iziko lokuqeqesha abafundi kwezolimo.√
Kukunceda amafama asakhulayo kwiingxaki ahlangana nazo.√
Kukuqhuba iindibano zokukhuthaza nabanye abantu ukuba nabo baziqalele awabo amashishini.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.7 Waqala mhla wathi evela emsebenzini, wafika omnye wabahlobo bakhe emcocela iiteki.√ (1)

1.1.8 Kuthethwa ukuba kwakunzima kodwa wanyanzelisa kwezo meko wasebenza nzima akanikezela√√/kuthethwa ukuba iimeko zazinzima kungekho lula kodwa walizama ishishini lakhe, akanikezela.√√ (2)

1.1.9 Wafumana uncedo lwenkxaso-mali.√ (1)

1.1.10 Ngamazwi athi, ulutsha maluqine lungavumeli mntu ukuba eme phambi kwamaphupha alo√√/ athi ulutsha malungoyiki ukugxekwa√√/ athi ulutsha malungoyiki ukungaxhaswa√√/athi impumelelo yomntu ayixhomekekanga kudidi lomsebenzi aqeshwe kuwo kule mihla.√√ (2)

1.1.11 Ngokuthi enze ukuba impumelelo yeshishini lakhe ithi saa, ifikelele kubantu abaninzi√√/ngokuthi enze ukuba lidume ishishini likaNompumelelo, nto leyo eyabangela ukwanda kwenani lezicelo zolutsha zokuqeqeshwa kwezoshishino.√√ (2)

1.1.12 B√/B kumakhwenkwe namantombazana√/kumakhwenkwe namantombazana.√ (1)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.1.13 Kumbhali wetekisi nakumfundi wayo√√/kumbhali wetekisi nakubantu abangqinelana nolu luvo.√√ (2)

1.1.14 Iphumelele, kuba inike imizekelo ebonakalisa ukuba ulutsha luyakwazi ukuphumelela kwezoshishino√√/kuba ibonakalisa ukuba xa ulutsha lufumene inkuthazo noncedo, luyaphumelela kwezoshishino.√√

**OKANYE**

Ayiphumelelanga, kuba ayisixeleli ngeengxaki olujongana nazo ulutsha xa sele lungene kwezoshishino√√/kuba ayiniki lwazi ngohlobo lwenkxaso engeyomali enceda ulutsha ukuba luphumelele.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Kubonakalisa ukuba usebenza umsebenzi onobungozi, odinga ukuba intloko yakhe ikhuseleke√√/ kubonakalisa ukuba usebenza kwiziko/ kwindawo eyikontraki.√√ (2)

1.2.2 Wonwabile√ kuba uncumile.√ (2)

1.2.3 Kukukhuthaza ukufundiswa kwabantwana ngomsebenzi beselula√√/kukukhuthaza inkxaso yabantu abadala kubantwana.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe amanqaku olwimi ABE MABINI.

## QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



| | IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO |
|---|---|---|---|
| 1. | Ndwendwela amaziko acebisa ngeekhariye ucele ukuxhotyiswa ngolwazi malunga nomsebenzi owunqwenelayo. | 1. | Tyelela kumaziko eengcebiso ngeekhariye ucele ulwazi ngomsebenzi owunqwenelayo. |
| 2. | Wukhangele umsebenzi onqwenela ukuqeshwa kuwo ngoku usengumfundi. | 2. | Wufune umsebenzi owunqwenelayo usafunda. |
| 3. | Qinisekisa ukuba uhamba imisitho engemiba yeekhariye ezahlukileyo. | 3. | Hamba iindibano ezingeekhariye ezingafaniyo. |
| 4. | Gcina ulwazi nezakhono onazo ngodidi lomsebenzi owufunayo zikwizinga eliphezulu. | 4. | Hlala unolwazi nezakhono ezikumgangatho ophezulu ngomsebenzi owunqwenelayo. |
| 5. | Hlala usenza uphando malunga neenkampani onomnqweno wokusebenza kuzo. | 5. | Mawusoloko uphanda ngeenkampani onomdla wokuzisebenzela. |
| 6. | Hlala uxhobile ngokuphatha ikopi yesivi yakho kuyo yonke imisitho oya kuyo. | 6. | Ngalo lonke ixesha usiya emisithweni, hamba nekopi yesivi yakho. |
| 7. | Qala ngokuvolontiya, unikele ngexesha namandla akho kwinkampani oyikhethileyo. | 7. | Qala ngokusebenzela inkampani ungajonganga nzuzo. |
| | **[60 amagama]** | | **[41 amagama]** |

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ICANDELO C: ULWIMI**

**Ukumakisha iCandelo C**

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

**UMBUZO 3**

3.1 Yi*Medical Care*.√ (1)

3.2 Sisaphulelo sama-20%.√
Lulwazi oluchaza ukuba oogqirha bahlala bekho.√
Kukuvakalisa ukuba oogqirha baziincutshe.√
Kukuxela ukuba kuhlala kuvulwe iiyure ezingama-24/7.√
Kukusebenzisa isilogani sesibhengezo esithi “Sibek’ impilo yakho phambili!”√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

3.3 C √/C bayagqwesa√/bayagqwesa.√ (1)

3.4 Lusixelela ukuba eli ziko lihlala livuliwe√√/ukuba kuhlala kuvuliwe ngalo lonke ixesha kweli ziko, ngazo zonke iintsuku zeveki√√/ukuba akuvalwa kweli ziko.√√ (2)

3.5 'Sibek' impilo yakho phambili!'√ (1)

3.6 ... phambili.√ (1)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



3.7 Lungamenza ukuba ayithembe, kuba lubonakalisa ukuba oogqirha bayakonwabela ukwenza umsebenzi wabo okukunceda abantu kweli ziko lempilo√√/kuba lubonakalisa ukubamkela bonke abantu abandwendwele eli ziko√√/lubonakalisa ububele obunikwa umntu ondwendwele eli ziko.√√

**OKANYE**

Alunakumenza ukuba ayithembe, kuba uncumo aluyongqiniseko yokuba isevisi enikwa leli ziko isemgangathweni√√/kuba uncumo lunokusetyenziselwa ukutsala abantu ibe isevisi yona imbi ngoko akunakujongwa lona ukuthemba isevisi.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

## UMBUZO 4

4.1 NguKaren.√ (1)

4.2 Bayathetha√/kuba kusetyenziswe amaqam entetho√/kuba imilomo yabo ivulekile.√ (2)

4.3 B√/B wothukile√/wothukile.√ (1)

4.4 Eyokuba akanalwazi ngendlela yokuziphatha kudliwano-ndlebe√√/eyokuba uzithembe ngendlela enendelelo.√√ (2)

4.5 Sisetyenziswe ngokuthi uGray afune ukuhlawulwa umvuzo ophezulu kodwa uyazivuma ukuba akanalo ulwazi lwalo msebenzi.√√ (2)

4.6 Ndiyavumelana nalo, kuba amava nezakhono zenza ukuba umntu enze umsebenzi osemgangathweni, ngoko ke umfanele umvuzo ophezulu.√√

**OKANYE**

Andivumelani nalo, kuba umvuzo awunakujongwa ngamava koko unokujongwa ngobunzima bomsebenzi umntu aza kuwenza√√/ kuba nokuba umntu akanamava, xa ewuqeqeshelwe umsebenzi uyakwazi ukuwenza ngokusemgangathweni ophucukileyo, utsho uwufanele umvuzo ophezulu.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 5**

5.1 5.1.1 ... ayilulanga.√ (1)

5.1.2 Kubalulekile ukuba phambi kokuluthatha√olu√hambo uzilungiselele. (2)

5.1.3 C√/C sobunjani√/sobunjani.√ (1)

5.1.4 Ishishini liyaqaleka nokuba akukho nkxaso-mali.√√ (2)

5.1.5 itshintsha√/ ijika.√ (1)

5.1.6 (a) -shishina√/ ukushishina

(b) Lo somashishini ushishina ngeegusha√/Akazityi iinkuku zakhe kuba uyashishina ngazo.√
[Nasiphi isivakalisi esichanekileyo siya kwamkeleka.] (2)

5.1.7 Kukudibanisa izivakalisi ezibini zibe sisivakalisi esinye.√√ (2)

5.1.8 Ukusebenza nzima kuyanceda√ xa unawo√ umonde. (2)

5.1.9 aphezulu.√ (1)

5.2 5.2.1 Sebenza elabhoratri!√√ (2)

5.2.2 Ndifundele ukuba ngumvelisi wamachiza.√√ (2)

5.2.3 Amachiza okunyanga izifo aza kuveliswa ndim√√/Amachiza okunyanga izifo ndiza kuwavelisa.√√ (2)

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African